an agency of the
Department of Sport, Arts & Culture
**The KwaZulu-Natal Performing Arts Company**
**Declared in terms of section 3(1) of the Cultural Institutions Act, 1998(Act No 119 of 1998) on 01 April 2003**
**PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa**
**Tel: (031) 3699555, Fax: (031) 306 2166, Production Services Mayville, Tel (031) 208 4171 Fax: (031) 208 4162**
**http://www.playhousecompany.com**

**I-PLAYHOUSE COMPANY**

**ISICELO SESINIKI-MAXABISO: UKUTSHINTSHA INKQUBO EKHOYO YOKUCUPHA UMSI KWIZAKHIWO EZITHATHU ZASE-PLAYHOUSE.**

**ISALATHISI: PHC 81/2023**

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi komyalelo weCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, wonyaka we-1988, ukuze liqhubele phambili ubuGcisa neNkcubeko kwiphondo laKwaZulu-Natala.

Eli ziko limemelela abantu ababhidayo ukuba bangenise iziniki-maxabiso zokutshintsha inkqubo ekhoyo yokucupha umsi kwizakhiwo ezithathu (3) zasePlayhouse Company.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka ezi zinto zilandelayo:

- Ukukhupha izixhobo ezikhoyo
- Ukufakela izixhobo ezitsha
- Ukuquka wonke umsebenzi
- Ukuquka iziqinisekiso
- Ukuquka ukulahla kunye neeP&G ezifanelekileyo
- Ukuquka yonke imizobo noyilo lomxokelelwano weengcingo zombane
- Ukuquka ii-*logbook* kwicandelo ngalinye
- Uqeqesho
- Imanuwali ye-O&M

Uluhlu lwamanani lufakiwe kuxwebhu lwesiniki-maxabiso.

**Izinto eziyimfuneko ezifuneka kwantlandlolo zidweliswe apha ngezantsi:**

- Umniki-nkonzo obhalisiweyo kuvimba ongundoqo weenkcukacha zabaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (C.S.D).
- Isiqinisekiso sokuHlawula iRhafu esisemthethweni okanye i-*pin* ekhutshwe ngabakwaSARS.
- Isiqinisekiso esisemthethweni seB-BBEE okanye incwadi efungelweyo.
- Iingxelo zemali zeminyaka emi-3 edlulileyo ezisandul'ukuphicothwa.
- Iifom zeSBD ezizaliswe ngokupheleleyo zaza zatyikitywa.
- Kufuneka umniki-nkonzo abe lilungu le-FDIA.
- Iziniki-maxabiso kufuneka zingeniswe ngqo kule dilesi ebhalwe apha ngezantsi.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso aza kufumaneka kwi-*e-Tender Portal* kunye nakwiofisi elikomkhulu yasePlayhouse Company ezinze ku-29 Acutt Street kwaye ahlawulelwa imali engama-R350 engabuyiswayo yaye afumaneka ngomhla wama-**13 kweyeMsintsi ngo-2023**.

Intlanganiso enyanzelekileyo ebanjelwa kwisiza iza kuba ngoLwesibili umhla wama-**26 kweyeMsintsi ngo-2023 ngentsimbi yeshumi kusasa** (**10h00)** ePlayhouse Company, Theatre Building, 231 Anton Lembede Street, Durban 4004.

**Umhla wokuvalwa** kokwamkelwa kwezicelo zeziniki-maxabiso ngowama-**16 kweyeDwarha ngo-2023 2023 ngentsimbi yeshumi elinanye ngentlazane (11h00)**. Azisayi kwamkelwa izicelo ezifike emva

kwexesha. Kufuneka amaxwebhu athunyelwayo abhalwe ngokucacileyo, afakwe kwimvulophu/kwipasile etywiniweyo abhalwe ukuba aya kwiNgqonyela ePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

*Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane no*Mnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi ye-imeyili accountingassistant@playhousecompany.com.